

UHLAHLO-LWABIWO MALI LWESIXEKO KUNYE NEEAKHAWUNTI ZIKAMASIPALA EZIZA KUHLAWULWA NGO-2003/2004

Uhlahlo-lwabiwo mali lohlumo kunye nophuhliso

ISixeko saseKapa sithe sabhengeza olona hlahlo-lwabiwomali lwaso, nolwakhe lwalukhulu oluxabisa ibhiliyoni ezli R10.1, hlahlo lwabiwo-mali olo olugxininisa ekuncedeni abo bahluphekileyo ngokungqameneyo nembono yohlumo kunye nophuhliso.

"Olu hlahlo-lwabiwo mali lufuna ukuba kubekho ukulingana (ukungqamanisa) phakathi komngeni omkhulu wophuhliso lwendawo ezihlelelekileyo, ingakumbi ezo zamatyotyombe kunye nemfuno yokugcina umgangatho onguwo kumbindi wendawo yoshishino yeSixeko (CBD) kwakunye namaziko akumgangatho wehlabathi akwindawo esele zizinzile ngokophuhliso," utsho uSodolophu Nomaindiya Mfeketho.

" Nangona inxalenye eninzi yesabelo esizibhiliyoni ezi R8.4, sokwenza umsebenzi uhambe (operating budget), siyakuchithwa ekugcineni umgangatho ophezulu wonikezelo lweenkonzo kwindawo esele zizinzile, inkunzi ezibhiliyoni ezi-R1.7 kwesi sabelo, iyakutyalwa kwindawo ezihlelelekileyo, ingakumbi kuphuhliso nophakanyiso lomgamgatho wendawo zamatyotyombe, ezihlala malunga ne-15% loluntu lwalapha."

Kukho ingxaki enkulu yokungafikeleli ekhoyo kumakhaya ahluphekileyo kwaye kukho amanyathelo aliqela athe athatyathwa ukuzama ukwenza okokuba intlawulelo yeeakhawunti zikamasipala okokuba ifikeleleke kula makhaya. Nangona zonke iindawo zesixeko zisabelana ngezintlawulelo, ubume bentlawulo yamanzi, umbane kunye nogutyulo lwamanzi amdaka lona luthetha okokuba xa la majelo uwasebenzisa kancinane, nentlawulo yakho ibancinane.

"Isixa esikhulu seeakhawunti zamakhaya amaninzi, sesamanzi kunye nombane, omabini la majelo asoloko exabisekile," utsho uSodolophu Mfeketho." Ndiyabacela abemi baseKapa okokuba bayilawule indlela abawasebenzisa ngayo la majelo, ngalo ndlela bangathi bakwazi ukwehlisa imali abayihlawulayo ngesixa esikhulu."

Kulo nyaka iSixeko siyakuchitha malunga nezigidi ezingama R300 kumaPolisa eSixeko, kubandakanywa nokongezwa kwamaGosa ali-100. Kukwakho nesixa esingama R200 000 esisabelo kwinkunzi kunye nama R100 000 esisabelo kwimali yokusebenza eyabelwe iwadi nganye.

Iikomiti zeeWadi ziyakumiselwa kuzo zoli-100 iiwadi kwaye abahlali bayabongozwa okokuba banike iinkonzo kwindawo zabo zasekuhlaleni, benze igalelo ngobugcisa abanabo, kwezo komiti zamavolontiya, eziyakuba nosihlalo onguCeba weWadi.

I-AKHAWUNTI YAKHO KAMASIPALA

Yintoni entsha kulo nyaka? Umbane owongezelelekileyo wasimahla, amanzi axabisa nganeno kunangaphambili ukuya kutsho kwi-12kl, kunye nendlela entsha yokubala intlawulo yogutyulo lwamanzi amdaka. Kodwa iindaba ezimnandi zezokuba izindlu ezixabisa malunga namaR200 000 okanye ngaphantsi, zingahlawula ngaphantsi kwezinga lokunyuka kwamaxabiso nemivuzo, zize ezo zixabisa ngaphantsi kwe R100 000 zihlawule ngaphantsi kwentlawulo yendlela engangokusebenzisa kwakho, yonyaka ophelileyo. Izindlu ezimaxabiso aphezulu, ezinesiko lokusebenzisa umlinganiselo omkhulu wamanzi kunye nombane, icebo iyakuba kukulawula ngokubuyisa indlela yezinga asetyenziswa ngayo la majelo.

IINTLAWULO ZOBUHLALI

Umlinganiselo wokunyuka waminyaka le, uzi pesenti ezi-9 okanye 1.0782336 yesenti kwirandi nganye, kwintlawulo yezakhiwo nemihlaba yokuhlala, ize ibe yi 1.5403336 yesenti kwirandi nganye, kwizakhiwo nemihlaba yoshishino. Ukuncedisana kunye nabanikazi zindlu, iSixeko saseKapa sinika isaphulelo serhafu kumaR50 000 okuqala exabiso lendlu, kwindawo zokuhlala. Oku kuthetha okokuba ukuba indlu yakho ixabisa ngaphantsi kwama R50 000, awusayi kuhlawula ntlawulo zobuhlali.

AMANZI

IKapa yindawo ejongene nemeko yokunqaba kwamanzi kwixesha elide. Le ntlawulo imiselwe phantsi kwendlela yokulawula imfuno yamanzi ngokuthi kuhlawuliswe intlawulo ephezulu ngokusebenzisa umlinganiselo omkhulu wamanzi kananjalo nokunikezela umlinganiselo wamanzi onikezwa simahla kuwo onke amakhaya.

Zikhilolitha ezi-6 zokuqala zinikezelwa simahla kumntu wonke. Ukuncedisana nabahlali, ixabiso lentlawulo nge –6kl ukuya kwi 12kl lithe lahliswa labangaphantsi kwentlawulo jikelele yenkcitho, ngokuthi kubandakanywe intlawulelo yamanzi ehamba ngamabakala (step water tariff). Kuye wonke umntu osebenzisa ngaphantsi kwe 15kl ngenyanga, intlawulo yamanzi iyakwehla. Iintlawulo ezonyukileyo zithi kananjalo zifake isandla ekwakhiweni kwedama elitsha elikumlambo iBerg, eliya kunika iKapa amanzi, ukusuka kunyaka ka 2007. Eli dama neliyakwakhiwa ngobambiswano phakathi korhulumente wesizwe kunye nalowo wephondo, liyakuhlawulelwa ethubeni, ngabantu abaya kusebenzisa loo manzi alo.

INTLAWULO YAMANZI KUBANTU ABAWASEBENZISELA EZEKHAYA

Xa kungabandakanywa intlawulo yerhafu-ntengiso

0 –6kl	Zisimahla
6 –12kl	R2 nge kl nganye
12 –20kl	R4 nge kl nganye
20 – 40kl	R5.10 nge kl nganye
40 – 60k	R6.20nge kl nganye
60kl nangaphezulu	R8 nge kl nganye

UGUTYULO LWAMANZI AMDAKA

Intlawulelo yogutyulo lwamanzi amdaka ekhaya lakho yenziwe yantlantlu-mbini. Ama 50% ayintlawulo esekelwe kwixabiso elimiselwe indlu yakho, lona elimi limi. Esinye isixa sama 50% sinxulumene nendlela owasebenzisa ngayo amanzi, kwaye iyakuthi yohluke ngenyanga nganye, ngokwendlela eyohluke ngayo indlela owasebenzise ngayo amanzi kulo nyanga. Intlawulo yerhafu yogutyulo lwamanzi amdaka emiselwe kwixabiso elimiselwe indlu yakho, isetyenziselwa, phakathi kwezinye izinto, ukucocwa kwamanzi kunye nokutshabalalisa amanzi amadaka.

Intlawulelo yogutyulo lwamanzi amdaka

Izindlu zokuhlala
0.153 esenti kwirandi
Izakhiwo ezisetyenziselwa imveliso kunye noshishino
0.218 esenti kwirandi nganye
Intlawulo ngoko kusebenzisa kwakho

Le ntlawulo imiselwe kwi 7% yamanzi owasebenzisileyo. I-4.2kl zokuqala azihlawulelwa (70% ye 6kl) ize intlawulo ephakathi kwe 4.2kl kunye ne 8.4kl ibe ngaphantsi kakhulu kwixabiso jikelele lamanzi. Ukuphepha ukujikajika kwentlawulo ngenxa yamaxesha onyaka awohlukileyo, eyona ntlawulo iphezulu yamanzi eyakuhlawuliswa ithe yehliswa ukusuka kwi 50kl yaya kutsho kwi 40kl.

Intlawulelo yogutyulo lwamanzi amdaka kwabo bawasebenzisela ezekhaya

Xa kungabandakanya intlawulo yerhafu-ntengiso

0 – 4.2kl	Zisimahla
4.2kl – 8.4kl	R1.45 nge kl nganye
8.5kl – 28kl	R3.14 nge kl nganye

UBUSAZI NA?

Ukuba wehlisa izinga owasebenzisa ngalo amanzi, intlawulo yogutyululo lwamanzi amdaka iyakwehla nayo.

UMBANE

Indaba ezimnandi kubahlali zezokuba, ukunyuka kwamaxabiso kuzi 5% kuphela, enkosi kukonga inkcitho kunye nokuphakama kokusebenza ngendlela eyiyo. Unikezelo lomlinganiselo wombane osisimahla, unyuke ukusuka kuma 20kWh ukuya kuma 30kWh ngenyanga. Kananjalo iSixeko siqhuba uthethathethwano kunye no Eskom ukuba naye anikezele ngalo mlinganiselo usimahla wombane kubahlali abangama 25% abafumana umbane wabo kuEskom.

UBUSAZI NA?

Kukho intlawulo ezimbini ngokokusebenzisela ezekhaya. Ukuba usebenzisa ngaphantsi kwama 500kWh ngenyanga, awusayi kuhlawula intlawulo yokunikezelwa kwale nkonzo. Xa usebenzisa ngaphezulu kwama 50kWh ngenyanga, intlawulo iyakubandakanya intlawulo yokunikezelwa kwale nkonzo kodwa kuya kubakho intlawulo yamandla eyehlileyo. Ibhunga liya kukubeka kweyona ndawo ikunika intlawulo enengeniso ngokwendlela owusebenzisa ngayo umbane, nangona kunjalo ungangayinanzi lemo, uzikhethele intlawulo ofuna ukuyisebenzisa.

UGUTYULO/ UTHUTHO LWENKUNKUMA

Ukugcina iSixeko sethu sicocekile kwakunye nokulawula ukungcola yinto embaxa nexabisa kakhulu. Intlawulelo yale nkcitho, ifumaneka kwintlawulo emiselwe kwixabiso elimiselwe indlu yakho kwakunye nentlawulo yerhafu yokuqokelelwa kwenkunkuma. Le mali iqokelelwa kwirhafu emiselwe kwixabiso elimiselwe indlu ngokwengingqi ekucocwa kuyo.

Intlawulo yenyuka nge 9%. Ngo 2003/2004 irhafu yi 0.0415 yesenti kwirandi nganye yexabiso lesiza ekwakhiweyo kuso. Isaphulelo kuthutho lwenkunkuma sithe sandiswa ukuze sibe nokubandakanya amakhaya amaninzi owongezelekileyo.

Irhafu yothutho lwenkunkuma ngomgqo-mo ngamnye ongama 240L

Ixabiso lendlu	Isaphulelo	Wena uhlawula
(ngaphandle kwe rhafu ntengiso)		
Ngaphantsi kwe R50 000	100%	Isimahla
R50 000 – R75 000	75%	R10.52
R75 000 – R100 000	50%	R21.03
R100 000 – R125 000	25%	R31.56
Ngaphezulu R125 000	0%	R42.07

Ukuba akunamgqomo ongama 240l, ufumana isaphulelo esongezelelekileyo seR5.45.

ISIBONELELO SETHUTYANA KWABO BAHLUPHEKILEYO

Onke amakhaya axabisa ngaphantsi kwe R100 000 ayakufumana isibonelelo sama R20 ukuncedisana nentlawulo yabo yeakhawunti zikaMasipala. La ngamalungiselelo ethutyana de kugqitywe ukuqulunqwa komgaqo-nkqubo weSixeko wokubonelela abo bahluphekileyo

INDLELA YOKUBALA I-AKHAWUNTI YAKHO YENYANGA KAMASIPALA

(umbane ungadityaniswanga)

Inyathelo 1:
Bala intlawulo yakho yerhafu
Ixabiso elimiselwe indlu yakho R_____
Thabatha isaphulelo sama R50 000= R_____
Inani elisalayo = R_____x 1,0782336*c*
Intlawulo ngonyaka = R_____x yohlule nge 12
Intlawulo ngenyanga = R_____
(Akukho ntlawulo yerhafu-ntengiso kwintlawulo zobuhlali)

Inyathelo 2:
Bala irhafu yentlawulo yogutyulo lwelindle kunye nothutho lwenkunkuma
Inani elisele apha ngentla = R_____x 0.0415*c*
Intlawulo ngonyaka = R_____x yohlule nge 12
Intlawulo ngenyanga = R_____
Intlawulo yothutho lwenkunkuma
(umgqomo okanye ingxowa) + R_____
Isiphumo sokuqala = R_____
Irhafu ntengiso eli-14% +
Xa iyonke =

Inyathelo 3:
Bala irhafu yogutyulo lwamanzi amdaka
Faka inani eliphume apha ngentla =
R_____x 0.153
Intlawulo ngonyaka = R_____x ulohlule nge12
Intlawulo ngenyanga = R_____
Intlawulo ngokokuwasebenzisa kwakho
Amanzi (jonga kuluhlu) + R_____
Isiphumo sokuqala = R_____
Irhafu ntengiso eli-14% +
Xa iyonke =

Inyathelo 4
Bala intlawulo yamanzi
(Jonga kuluhlu ngentla) R_____
Irhafu ntengiso eli-14% +
Xa iyonke =
I-AKHAWUNTI XA IYONKE R_____
Thabatha isaphulelo sama-R20 esinikwa izindlu ezixabisa ngaphantsi kwe-R100 000